



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

WESTERN CAPE

AMANQAKU: 120

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-19.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|-------------|--------------------|------|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (60) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (20) |
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo NGALINYE.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

- 1.1 Funda esi sicutshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Inyaniso ngendlulamthi

Indlulamthi sesona silwanyana side. Inkunzi yendlulamthi inobude obuziimitha ezi-5 ukuya kwezi-6 kwaye zinobunzima obuli-1 200 kg. Imazi zona zimfutshane kuneenkunzi kwaye nobunzima bazo bungaphantsi kunobenkunzi. Umzimba wemazi uneendawo ezimdaka kodwa iinkunzi zineendawo ezintsundu emizimbeni yazo.

Iindlulamthi zineentamo ezinde ezizivumela ukuba zitye amagqabi emithi aphezulu. Zisebenzisa ulwimi olude ukutsala la magqabi ziwafake emlonyeni. Iintamo zazo zahlukile kunezinye izilwanyana ezincancisayo. Iimpondo zazo zenziwe ngamathambo abizwa ngokuba zii-'ossicorns'.



Intliziyo yendlulamthi inobunzima obuziikhilogram ezili-10 kwaye ubude bayo buziisentiimitha ezingama-60. Kufuneka intliziyo ikhuphe uxinzelelo lwegazi eliphindwe kabini ukuze igcine igazi lihamba liye kufikelela nasengqondweni.

Imazi zeendlulamthi zikhulelwa iinyanga ezili-15 kwaye zizala ithole elinye. Lakuzalwa ithole linobunzima obumalunga neekhilogram ezili-100. Amathole eendlulamthi azalwa enobude obuyi-1.8 m. Kwiiyure ezimbalwa ezelwe amathole ayakwazi ukubaleka.

Amathole azingelwa ziingonyama, iingcuka kunye namahlosi. Isiqingatha samathole asifikeleli kwiminyaka emihlanu. Indlulamthi izikhusela ngokukhaba ngamandla.

Ukukhaba kwayo kungaqhekeza intloko yengonyama. Ithole lendlulamthi lincanca iinyanga ezintandathu ukuya kwiinyanga ezisibhozo. Amathole asoloko ehamba neemazi zendlulamthi. Inkunzi yendlulamthi ithanda ukuzulazula ikhangela imazi ukuze zibukane kwaye zidlale.

Iindlulamthi zilala malunga nesiqingatha seyure qho kwiiyure ezingama-24. Zisoloko zilele imizuzu emihlanu kathandathu kwiiyure ezingama-24.



Isizathu sokuba zilale kancinci kangaka kukuba zoyika iingonyama neengcuka ezithanda ukuzizingela. Iindlulamthi ziyakwazi ukubaleka kangangeekhilomitha ezingama-55 ngeyure. Oyena mntu ubaleka ngesantya esiphezulu ngu-Usain Bolt. Yena angabaleka kangangeekhilomitha ezingama-45 ngeyure. Ukuthenga iindlulamthi akutshiphanga. Inkunzi yendlulamthi ingabiza i-R175 000.

Bakhona abazingeli abavela kwiindawo ngeendawo zaphesheya kolwandle. Bona bangabhatala imali eninzi ukuze badubule iindlulamthi. Bona bazingela ezi zilwanyana njengomdlalo. Emva kokuyidubula abanye abazingeli bathanda ukuthatha intloko yendlulamthi ukuze bayifake kwigumbi labo lokuphumla njengento yokuhombisa indlu yabo. Ukuzingela iindlulamthi ezininzi sekubangela ukufa nokuphela kwazo kwezinye iindawo e-Afrika.



[Sikhutshwe kwiBona kaMatshi 2006 saze sahlelwa]

UMHLATHI 1

- 1.1.1 Inde kangakanani inkunzi yendlulamthi? (1)
- 1.1.2 Yinyaniso okanye bubuxoki? Imazi yendlulamthi inde kunenkunzi yendlulamthi. Xhasa impendulo yakho ngokuchonga ibinzana kwitekisi. (2)
- 1.1.3 Umzimba wemazi yendlulamthi wohluka njani kumzimba wenkunzi ngenkangeleko? (1)

UMHLATHI 2

- 1.1.4 Iindlulamthi zincedwa njani ziintamo zazo ezinde? (1)
- 1.1.5 Ngokomfanekiso okwiscatshulwa, iindlulamthi ineempondo ezingaphi? Ezi mpondo zibizwa ngokuba ziintoni? (2)

UMHLATHI 3

- 1.1.6 Kutheni iindlulamthi zinentliziyo enkulu nje? (2)

UMHLATHI 4

- 1.1.7 'Isiqingatha samathole iindlulamthi asifikeleli kwiminyaka emihlanu.' Ucinga ukuba yintoni isizathu soku? (1)

- 1.1.8 Kutheni inkunzi yendlulamthi ingahambi namathole ayo? (1)
- 1.1.9 Imazi yendlulamthi isoloko izala amathole amangaphi? (1)
- 1.1.10 Izikhusela njani indlulamthi? (1)

UMHLATHI 5

- 1.1.11 Kutheni iindlulamthi zilala kancinci? (2)
- 1.1.12 Ngubani obaleka ngesantya esiphezulu phakathi kuka-USain Bolt nendlulamthi? (1)
- 1.1.13 Yimalini inkunzi yendlulamthi? (1)

UMHLATHI 6

- 1.1.14 Bavela phi abanye abazingeli beendlulamthi? (1)
- 1.1.15 Nika izizathu ezibangela ukuba aba bazingeli bazingele indlulamthi. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



IBHOKISI 1

1.2.1 Intombi ibizwa ngubani?

(1)

IBHOKISI 3

1.2.2 Uthetha ukuthini uShoti xa esithi: 'lintombi ziyaphambana xa zindibona?' Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

- A lintombi ziba nomsindo zimbethe.
- B lintombi zonwaba gqitha ngenxa yokumthanda.
- C lintombi zicinga ukuba uShoti uphambene. (1)

IBHOKISI 4

1.2.3 Kutheni uShoti efuna ukunika intombi ilobola eninzi? (1)

1.2.4 Wazi njani ukuba intombi ayiyithandi indlela ephathwa ngayo nguShoti? (2)

IBHOKISI 5

1.2.5 Kutheni uShoti ekhangeleka edanile? (2)

1.2.6 Nika intsingiselo yeli binzana: 'Zizinto zikaStix.' Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

- A Yintombi kaStix.
- B Ngumzala kaStix.
- C Ngudade boStix. (1)

IBHOKISI 6

1.2.7 UShoti umfanisa nantoni uStix? (1)

1.2.8 Ucinga ukuba uStix uvakalelwa njani? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa uze usishwankathele.

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe okanye umhlathi onezivakalisi ezisixhenxe uthethe ngezicwangciso zokutyelela kwelinye ilizwe. Isivakalisi ngasinye kwezi zisixhenxe masiquke into ebalulekileyo umntu amele ukuyenza ukulungiselela olu tyelelo. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)
2. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo uze ushwankathele ngamagama angadlulanga kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (3)

UTYELELO KWELINYE ILIZWE

Zininzi izinto ekufuneka zilungisiwe phambi kokuba umntu aye kuchitha ixesha leholide kwelinye ilizwe.

Okokuqala: Niza kutyelela phi?

Kufuneka wena nosapho lwakho nithathe isigqibo malunga nelizwe enifuna ukulityelela. Kufuneka nivumelane nangexesha eniza kuya ngalo kwelo lizwe.

Okwesibini: Isithuthi

Loluphi uhlobo lwesithuthi eniza kulusebenzisa kuhambo lwenu? Niza kuhamba ngemoto; uloliwe; inqwelomoya okanye ibhasi? Kufuneka niqiniseke ngokhuseleko lwesithuthi enisikhethayo.

Okwesithathu: Endleleni

Kubalulekile ukuba nihambe nilala apha endleleni ukuze ningafiki nidiniwe apho niya khona. Ngoko ke kubalulekile ukwenza amalungiselelo endawo yokulala xa nisendleleni.

Okwesine: Utyelelo kugqirha

Kubalulekile ukuya kwagqirha phambi kohambo oluya kwelinye ilizwe ukuze ufumane ulwazi ngezifo kunye namayeza okuzikhusela kwizifo ezikhoyo kwelo lizwe. Kufuneka ufumane namanye amayeza onokuwasebenzisa xa sele ufikile kwelo lizwe.

Okwesihlanu: Amalungiselelo abalulekileyo

Qinisekisa ukuba ufumana ipaspoti okanye iVisa eza kukwenza kube lula kuwe ukufumana imvume yokungena nokuchitha ixesha leholide kwelinye ilizwe.



Okwesithandathu: Indawo yokuhlala

Qinisekisa ukuba indawo oza kuhlala kuyo xa ukwelo lizwe uyifumana phambi kokuba uhambe. Ulwazi ngeendawo zokuhlala ezintle nezikhuselekileyo zifumaneka lula kwiibhodi zokhenketho nakwi-intanethi.

Okwesixhenxe: Uqingqo-mali

Kubalulekile ukwazi ukuba iholide yenu iza kuxabisa imali engakanani ukuze wenze izicwangciso zale mali nebhanki yakho.



AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngokusebenzisa izihlanganisi ezifanelekileyo. Khetha isihlanganisi esifanelekileyo kwibhokisi engezantsi uze ubhale isivakalisi.

Umzekelo: Layita isibane. Kumnyama.

Impendulo: Layita isibane **kuba** kumnyama. ✓

| |
|---|
| kuba; xa; ukuze; kodwa; okanye; kungenjalo; nangona |
|---|

3.1.1 Abafundi bafunda isiXhosa. Abafuni kusithetha. (1)

3.1.2 Qaba iSun Block. Ungatshi lilanga. (1)

3.1.3 Amabhokobhoko adlale kakubi izolo. Ephumelele. (1)

- 3.2 Yenza okanye yakha izibizo ngokusebenzisa ezi zenzi zilandelayo.

Umzekelo: -phunga

Impendulo: impungo

3.2.1 -baleka (1)

3.2.2 -fundisa (1)

3.2.3 -lima (1)

- 3.3 Cwangcisa amagama kwezi zivakalisi ukuze alandelelane ngendlela efanelekileyo.

Umzekelo: imifuno utya ubhuti namhlanje.




Impendulo: Ubhuti utya imifuno namhlanje. ✓

3.3.1 yinja ileqwa ikati. (1)

3.3.2 yam intle intombi. (1)

3.3.3 acule wam uZahara likabhuti akazange kwitheko. (1)

3.4 Thelekisa umfanekiso ngamnye okuKHOLAM A nesivakalisi esichanekileyo kuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|--|--|
| <p>3.4.1</p>  | <p>A Ndiyahamba, sendiyibukele.</p> <p>B Ndikruneke intamo.</p> <p>C Hayi enkosi, nditye ndahlutha.</p> <p>D Ugqirha undibophe engalweni.</p> <p>E Ndivela kuthenga iimpahla ebhayiskophu.</p> |
| <p>3.4.2</p>  | |
| <p>3.4.3</p>  | |

(3 x 1) (3)

3.5 Khetha isikhuzo esifanelekileyo kwizibiyeli. Bhala isikhuzo kuphela.

3.5.1 (Shu!/Sii!) libuhlungu izinyo lam. (1)

3.5.2 (Halala!/Hayi bo!) Imbi le nto uyithethayo. (1)

3.6 Bhala ezi zivakalisi kwisinye.

Umzekelo: Amadoda axhela inkomo.

Impendulo: Indoda ixhela inkomo. ✓

3.6.1 Imikhombe ibulawa kakubi. (1)

3.6.2 lintsana aziphungi kofu. (1)

3.7 Ezi zivakalisi zilandelayo zikwimo elandulayo. Zibhale kwakhona zibe kwimo evumayo.

Umzekelo: Isikolo asiphumi emva kwemini.

Impendulo: Isikolo siphuma emva kwemini. ✓

3.7.1 Indlulamthi ayizi kutya magqabi omthi. (1)

3.7.2 Umhlobo wam akazange ayiqhube imoto katata. (1)

3.7.3 Andinxanwanga. (1)

3.7.4 Abafundi bebengenazincwadi. (1)

3.8 Cwancisa la magama ngokulandelelana njengokuba uza kuwafumana kwidikshinari (kwisichazi-magama) yesiXhosa.

Umzekelo: umphathiswa, umfino, usana, umalume, isonka

Impendulo: (i) (um)fino
(ii) (u)malume
(iii) (um)phathiswa
(iv) (is)onka
(v) (u)sana

3.8.1–3.8.5 umculo, icuba, ucango, umgca, -chola (5)


3.9 Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokukhetha isihlomelo esichanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

3.9.1 (Ekuseni/ebusuku) ndivuka nditye iblakfesi. (1)

3.9.2 Bekumnandi ukuba nawe sisi, hamba (kakhulu/kakuhle). (1)

3.9.3 Umongameli uthethe (kamnandi/kakubi) izolo kangangokuba abantu bamvotela. (1)

- 3.10 Jonga kulo mfanekiso uku-KHOLAM A uze ugqibezele izivakalisi ezingezantsi ngokukhetha kumagama asebhokisini eku-KHOLAM B. Bhala igama kuphela.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
|  | <p>IPHAKATHI</p> <p>IPHEZU</p> <p>ISEKHOHLO</p> <p>ISEMVA</p> <p>ISENTLA</p> <p>UPHAKATHI</p> |

- 3.10.1 Intaka ... kwekati. (1)
- 3.10.2 Indlovu ... kwebhokisi. (1)
- 3.10.3 Intlanzi ... emanzini. (1)
- 3.10.4 Unomatse ... kwenja nendlulamthi. (1)
- [32]**

UMBUZO 4

- 4.1 Funda lo mhlathi uze uguqule amagama esiNgesi akrwelelwe umgca ngaphantsi uwabhale ngesiXhosa.

UMzantsi Afrika lilizwe (4.1.1) (which is beautiful) kakhulu. (4.1.2) (This) lizwe linamaphondo (4.1.3) (which are nine). IGauteng incinci (4.1.4) (than the province) leMpuma Koloni kodwa (4.1.5) (it has people) abaninzi. (5)


- 4.2 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo zilandelayo.

Umzekelo: Ndivela kwiphondo loMntla Koloni.

Impendulo: Uvela kweliphi iphondo? ✓

- 4.2.1 Intombi ihamba nomalume ukuya edolophini. (1)
- 4.2.2 Amakhwenkwe athanda umdlalo wentonga. (1)
- 4.2.3 Ngamadada katatomkhulu la. (1)
- 4.2.4 Ikhaya lam liseQonce. (1)
- 4.2.5 Usana lunamazinyo amabini. (1)

4.3 Qwalasela igrafu uze uphendule imibuzo engezantsi.



4.3.1 Sesiphi esona sixhobo sombane sisetyenziswa kakhulu? (1)

4.3.2 Yinyaniso okanye bubuxoki? ITV isetyenziswa kakhulu phakathi evekini kunangempelaveki. (1)

4.3.3 Sesiphi isixhobo sombane esisetyenziswa iiyure ezimbalwa ngosuku phakathi evekini kunazo zonke? (1)

4.3.4 Zeziphi izixhobo zombane (esinye phakathi evekini, esinye ngempelaveki) ezisetyenziswa iiyure ezilinganayo? (1)

4.4 Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli ecaleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.

4.4.1 Umfundisi uyacula. (ixesha elidlulileyo) (1)

4.4.2 Ulutsha aluzi kuvota kulo nyaka. (Ixesha langoku) (1)

4.4.3 Udade wethu ukhetha amasi. (Ixesha eladlulayo) (1)

4.4.4 Igqirha linyanga isigulane. (Ixesha ebelidlula) (1)

4.4.5 Abahlobo baza kuncokola ngezemidlalo. (Ixesha elidlulileyo) (1)

- 4.5 Nika isichasi segama ngalinye kula akrwelelwe umgca ngaphantsi. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Izikolo zasePitoli zikhulu.

Impendulo: Izikolo zasePitoli zincinci. ✓

4.5.1 Itshiphu kakhulu ipetroli kwezi ntsuku. (1)

4.5.2 Ibanzi indlela eya eMthatha. (1)

4.5.3 Imibuzo yovavanyo inzima. (1)

- 4.6 Nika igama ELINYE endaweni yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Umzekelo: Ndithanda umama notata wam.

Impendulo: abazali ✓

4.6.1 Indawo yemfundo yamabanga aphantsi. (1)

4.6.2 Indawo yokuvalela ootsotsi. (1)

4.6.3 Kubalulekile ukutya ibhanana, i-apile nepere. (1)

- 4.7 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo.

4.7.1 Iyadi yasekhaya ivalwe (ngethanga/ngothango). (1)

4.7.2 Umntwana (ubonana/ubonisa) umhambi indlela. (1)

4.7.3 Umfundi (ubethwe/ubetheka) ngutitshala izolo. (1)

[28]

AMANQAKU ECANDELO C: 60

ICANDELO D: UNCWADI

IMIYALELO NENGACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *UNgodongwana* uze uphendule UMBUZO 5.
- Ukuba ukhetha *Iholide ebiweyo* uze uphendule UMBUZO 6.

UMBUZO 5: *UNGODONGWANA* – PM Ntloko

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|--------------|---|
| UDINGIWE: | Yuu! Umntakabawo! Ha! Bhuti wam! (<i>Watsho emanga ngovuyo.</i>) Ubuyile? Nguwe ke kanye? |
| UDINGISWAYO: | Nali eli nxebe wawukhupha kulo umkhonto. (<i>Watsho ebonisa.</i>) |
| UDINGIWE: | Wo! Ngumhlola lo inene. Ezi zinto zimbini zoyikekayo uzifumene phi? |
| UDINGISWAYO: | Njengoko wandingisayo, ndide ndaya kufika kuNkosi Bhungane wamaHlubi. Apho ke ndifike kukho umntu omhlophe owandifundisa ukukhwela esiya silo kuthiwa yinjombane (ihashe) nokubulala ngalaa ntonga inesithonga. |
| UDINGIWE: | Hayi bhuti kulungile, ndobuya ndikubone. (<i>Wagoduka.</i>) |
| UMBANGAMBI: | Ndiza kwenza isidlo sokukwamkela apha phakathi kwekhaya. Ndobiza wonke umzi, isizwe sabaThethwa, ukuze konwatywe, kuvuywe, kuxhelwe eXhukwane loo mini. |
| UDINGISWAYO: | Ilungile loo nto. Kulapho uya kucacisa imfuneko yokuba ndithabathe ubukhosi. UMawewe yena makafe, kungabuye kuthethwe ngaye kweli phakade. |
| UMBANGAMBI: | Ewe, nam ndihamba neli lakho. Asinakuthetha ngokukhululekileyo nangemini yesidlo xa esekho. |
| UDINGISWAYO: | Uthi uya kuza esidlweni? Ndibona engazanga nje oku kokundibona. Anditsho ukuba unalo uthakazelo. Uya kuwenza nini loo mgidi wakho? |
| UMBANGAMBI: | Kule veki iza kuvulelwa. Ngobusuku bangomso masizame ukumthumela emafini. |

- 5.1 Chonga igama ELINYE kwintetho yokuqala kaDingwe elalatha ukuba yena noDingiswayo bazalwa ngumntu omnye. (1)
- 5.2 Ekuqaleni kweli bali, yayingubani igama likaDingiswayo? (1)

- 5.3 Chaza isizathu sokuba uDingiswayo abonise uDingiwe inxeba lakhe. (2)
- 5.4 UDingiwe uziva njani akubona uDingiswayo? (1)
- 5.5 Kutheni evakalelwa ngolu hlobo nje uDingiwe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 5.6 Kwakutheni ukuze uDingiswayo aye kwaBhungane emaHlubini. (2)
- 5.7 Wayengubani uBhungane? (1)
- 5.8 Ngubani lo mntu 'omhlophe' uDingiswayo adibene naye emaHlubini? (1)
- 5.9 Lo mntu uku-5.1.7 wamnceda njani uDingiswayo? (2)
- 5.10 Chaza isizathu sokuba uDingiwe nabanye abantu babaThethwa boyike izinto ezimbini eziza noDingiswayo. (2)
- 5.11 UMbangambi uthetha ngokwenza isidlo sokumamkela uDingiswayo. Kutheni efuna ukwenza njalo? (2)
- 5.12 NgokukaDingiswayo, ingaba kutheni ilungile le nto kaMbangambi yokwenza isidlo? (1)
- 5.13 Lithetha ukuthini eli binzana, 'masizame ukumthumela emafini'? (2)

[20]

OKANYE

UMBUZO 6: *IHOLIDE EBIWEYO* – Joseph William noThabazi Ntshinga

Funda esi sicutshulwa uphendule imibuzo.

UMHLATHI 1

Umpu wawujoliswe entlokweni yakhe. Wawubona umnwe wendoda uqalisa ukutsala isidubuli. Hayi! Andifuni kufa! Wacinga exhalabile uRobert. Watsibela ecaleni, wawa tyaba emgangathweni, wadubula umpu watsho eludongeni. URobert wajikelisa isandla sakhe ngokuchwechwa. Weva ukuba kukho into ecaleni kwakhe. Yayiyinto eqinileyo enzima. Isixhobo! Wajika intloko yakhe kancinci wabona ukuba sisitatha semoto. Ewe, sasinganceda kakuhle!

UMHLATHI 2

Wabona ngekona yeliso lakhe isandla salaa ndod'inkulu sishukuma. Umpu wawujolise kuye kwakhona. Kule gem zange udubule kuba uRobert wajolisa wagibisela isitatha semoto ngawo onke amandla akhe. Satsho gxovo ebusweni bendod'enkulu kanye. Khalakaxa phantsi umfo'mkhulu, ebambe ubuso bakhe.

UMHLATHI 3

'Yho ndiphumelele,' wehlisa izibilini uRobert. Ngesiqhuphe wakhumbula uBuso-bukrwentshiweyo! UBuso-bukrwentshiweyo wayethe chuu esiza ngqo kuRobert. 'Ubucing'ub'ubhadlile, hi mfondini?' wasineka ekhupha imela epokothweni yakhe. Amehlo akhe ayezel'inkohlakalo! Wathatha unyawo lwalunye ukusondela kuRobert. Ngamatshe uRobert waxhuma wema ngeenyawo. Lenye ubukhali bemela xa uBuso-bukrwentshiweyo ehlasela, kodwa uRobert wayephephe kwangexesha. Wabetha uBuso-bukrwentshiweyo. Wamtsho ngenqindi. Waye wakhupha onke amandla akhe, wabona imilenze katsotsi isongeka phantsi kwakhe. Ngesithongakazi esikhulu wee bhum phantsi.

UMHLATHI 4

Ngamatshe uRobert waphuma ngaphandle kocango. Laa madoda asebenza ezimotweni ayejonga phezulu othukile. Akuqonda okwenzekayo amleqa omathathu. Wath'ukuya esangweni uRobert. Lalivaliwe! Ucango lwegaraji! URobert wathi krwaqu wabona laa ndoda inkulu igxadazela iphuma, umpu wawusesesandleni. Amatshijolo amathathu ayephants' ukuba phezulu kwakhe! Imizuzwana yaba mibini kuphela wabe uRobert sel'engaphaya kodonga. Wayengazi ukuba wayenokugwencela ngokungako ukukhawuleza.

UMHLATHI 1

- 6.1 Umpu wawujoliswe kwintloko kabani? (1)
- 6.2 Ukuwa 'tyaba emgangathweni' kuthetha ukuthini? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
- A Ukuhlala phantsi ngeempundu emgangathweni.
- B Ukulala ngesisu emgangathweni.
- C Ukuguqa ngamadolo emgangathweni. (1)
- 6.3 URobert ufumene ntoni ngoku asemgangathweni? (1)
- 6.4 Wayenenjongo yokuyisebenzisa njengantoni le nto iku-6.1.3? (1)

UMHLATHI 2

- 6.5 Khupha igama elibonisa indlela obubethwe ngayo ubuso bendoda enkulu. (1)

UMHLATHI 3

- 6.6 Lithetha ukuthini ibinzana elithi 'ukuhlisa izibilini'? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
- A Ukuziva uphelelwa lixhala.
- B Ukuziva usoyika.
- C Ukuva iintlungu embilini. (1)

- 6.7 OoRobert babephi ngeli xesha? Chaza indlela uRobert afike ngayo kule ndawo. (2)
- 6.8 Chaza isizathu sokuba uRobert 'axhume ame ngeenyawo'. (1)
- 6.9 Bekutheni ukuze imilenze katsotsi isongeke? (2)
- 6.10 Sithetha ukuthini esi sifanekisozwi, 'wee bhum'? (1)

UMHLATHI 4

- 6.11 Aye mangaphi la madoda ayesebenza phandle? (1)
- 6.12 La madoda aku-6.1.11 ayesenza ntoni phandle? (1)
- 6.13 Kutheni la madoda emleqa nje uRobert? (2)
- 6.14 Khupha ELINYE igama kulo mhlathi elibonisa ukuba indoda enkulu ibingahambi njengesiqhelo. (1)
- 6.15 Ukuba ubukwimeko efana nale akuyo uRobert, wena ubunokwenza ntoni? (2)
- 6.16 Kuthetha ukuthini oku, 'bangcemba bee chuu ukuhlisa unxweme'? Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zilandelayo:
- A Babekhawuleza behambela phezulu ngaselwandle.
- B Babaleka baleqa ukuhla benyuka ngaselwandle.
- C Babecotha behamba kancinci ngaselwandle. (1)
- [20]

AMANQAKU ECANDELO D: 20
AMANQAKU EWONKE: 120